



**INKALO EZIXHAPHAKILEYO EZIKHATHAZAYO EZIQATSHELWEYO EKUMODAREYITHWENI
KOVAVANYO OLUQHUBEKELA EZIKOLWENI (SCHOOL BASED ASSESSMENT) (SBA))
KWIBAKALA 12 KWIPHONDO NGO-2019**

IINKALO EZIKHATHAZAYO	IINGCEBISO
<p>1. Kukusetyenziswa kwegama negama kumaphepha emibuzo adlulileyo okanye amaphepha angumzekelo (exemplars) okubeka emngciphekweni ukuthembeka kwemisebenzi ye-SBA emiselweyo.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Amaphepha emibuzo asuka kwiminyaka edlulileyo angumthombo olunge kakhulu yaye ke ngoko kufuneka asetyenziselwe iinjongo zokuhlaziya ulwazi. Ukuba asetyenziswa kwiimvavanyo nakwiimviwo, nakuba kunjalo, la maphepha emibuzo adlulileyo kufuneka atshintshwe apha nalapha angasetyenziswa igama negama.
<p>2. Ukumakisha ngokuphinda-phinda iitiki zemikorekisho emaphepheni (shadow marking), apho kubonakala ukuba umodareyitha ubeka nje iimikorekisho engazikisanga ukucinga.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Ukumodareyitha kwangaphakathi kufuneka kubengqingqwa. Indlela yokulandela inkqubo ekumodareyitheni kufuneka kuxoxwe ngayo ngethuba leeseshoni zoqeqesho. Ukumodareyithwa makwenziwe kusetyenziswa ipeni eluhlaza (green pen.)
<p>3. Kusabonakala ukunqongophala kwengxelo eyakhayo nephucula umgangatho wootitshala.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Ubungqina bokumodareyitha kwangaphakathi kufuneka kuquke lo msebenzi umodareyithiweyo wentsusa onezilungiso ezibhalwe ngepeni eluhlaza okwengca, umsebenzi olungisiweyo wokugqibela kunye nobungqina babafundi abamodareyithiweyo kunye neripoti emodareyithiweyo.
<p>4. Igridi yokuvavanya ukusebenza kwengqondo (cognitive grid): iigridi zokuvavanya ukusebenza kwengqondo (cognitive grid) kumsebenzi owenziweyo bezingafakwanga, ezinye iigridi azizaliswanga ngokungachanekileyo.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Ootitshala kufuneka banikwe inkxaso ngabacebisi ngezifundo kunye neentloko zezifundo ekusetyenzisweni kweegridi zomlinganiselo wamanqaku ezifundo (weighting grids) nekhayiteriya ukucazulula amanqanaba okusebenza kwengqondo ahlukeneyo. • Iigridi zomlinganiselo wamanqaku ezifundo (weighting grids) zichaza ikhontenti efundisiweyo yaye amanqanaba okusebenza kwengqondo kufuneka aqakwe kumsebenzi ngamnye.
<p>5. Ukuphinda-phindwa (duplication) kwekhontenti</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Iimvavanyo kufuneka zingqinelanise neCAPS yaye ootitshala kufuneka bakulumkele ukuphinda-phindwa kwekhontenti. • Iingxoxo zokumodareyitha zangaphakathi kufuneka ziqhutywe kwizikolo apho ootitshala ababini okanye ngaphezulu bafundisa ibakala elinye.

<p>6. Amanqaku angatshintshwanga emva kokumodareyithwa kwangaphakathi.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuba kutshintshwe amanqaku apha naphaya ngethuba lokumadareyithwa kwawo, olo tshintsho malufakwe kwirekhodishithi (<i>record sheet</i>) kunye nengxelo enikelwe ukuba kutheni amanqaku etshintshiwe. Le ngxelo mayixoxwe ngutitshala weklasi kunye nentloko yesifundo esikolweni.
<p>7. Izikhokelo ezingazaliswanga ezingachanekanga zokumakisha kunye/okanye nezisetyenziswa ngokungaqu-guqukiyo nangokungachanekanga.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Iintloko zezifundo kunye/okanye iimodareyitha zangaphakathi kufuneka ziqinisekise, ngokuqala zidlule kwinkqubo yovavanyo lwaphambi kokumodareyitha, ukuba izikhokelo zokumakisha ziqulethe zonke iimpendulo ezilindelekileyo. • Izikhokelo zokumakisha mazingabi nazimposiso. Apho kuqatshelwe iimposiso ngethuba lokumodareyitha, zombini iinguqulelo zokumakisha kufuneka zifumaneke kwifayili katitshala ukulungiselela iinjongo zokumodareyitha.